basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## NOVEMBA 2019

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
   | ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
   | ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE KWICANDELO ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   | | |
   |---|---|
   | ICANDELO A: | Imizuzu engama-80 |
   | ICANDELO B: | Imizuzu engama-40 |
   | ICANDELO C: | Imizuzu engama-30 |

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Nda-ahleka, ndahleka loo mini. **[50]**

1.2 Indima edlalwa ziingoma. **[50]**

1.3 Ifashoni **[50]**

1.4 Ukuba ndandingangxamanga ... **[50]**

1.5 Utshintsho alusoloko lulungile. **[50]**

1.6 Itekhnoloji likhaya lethu. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 okanye 1.7.2). Nika isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthatyathwe ku-www.thoughtprovokingpics.com, wahlelwa] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta umncome ngokuphuma phambili kugqatso lweembaleki. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yomdlali wesiginkci (ikatala) odumileyo. **[30]**

2.3 **IAJENDA NEMIZUZU**

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso yombutho wokukhuselana kwabamelwane. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi komqeqeshi womdaniso kunye nomqeqeshi webhola ekhatywayo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IPOWUSTA**


Bhala ipowusta eyazisa ngentlanganiso emalunga nemisebenzi eza kuvulwa ngurhulumente ukunceda ulutsha olungaphangeliyo. **[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Bhalela umakazi wakho iposikhadi umxelele ngezinto ezintle ozibone kwindawo obutyelele kuyo. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umzala wakho ohamba ngemoto indlela esuka e-UP Main Campus eya eGroenkloof Campus




[Ithatyathwe kwi-www.ais.up.ac.za] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**